Lirolelwa 3s 6d nge Kwata (itunyelwe ingekapeli).

—:0:—

Unokuhlaulela wonke Unyaka ngokutumela 13s 6d nangalipina ixesha lonyaka.

-----o-----

Izaziso Zabazelweyo, Abatshatileyo, ne Mipanga, i- rolelwa 1s. ngexesha ngalinye ezingene ngalo.

# IMVO NELISO LOMZI

## (NATIVE OPINION AND GUARDIAN.)

*Authorized Medium for the duplication of Government Notices addressed to Natives throughout the Colony and the Territories.*

ELIPEPA LIPUMA

NGOLWESI-NE

IVEKI ZONKE

Litunyelwa kwindawo zonke apa ema Zantsi-Afuka, e Yerepe, nase Melika.

Lijonge Ilungelo Lomzi ku- pela.

Limele imfanelo ya Bantsu- ndu ngapandle koloyiko.

Alicaluli Sizwe nalu Nqulo.

Vol. XIV, No. 693]

KING WILLIAMS TOWN, CAPE COLONY, THURSDAY, FEBRUARY 3, 1898.

[IXABISO 3d.


## IZAZISO ZAKOMKULU.



*ZISHICILELWA NGE GUNYA.*

### Isaziso Sakomkulu,

No. 1090, 1897.

*Colonial Secretary's Office Cape Town, Cape of Good Hope, Nov. 22,1897.*

UMHLEKAZI Iruluneli wanelisiwe kukuyalela ukushicilelwa kwa- lo Myalelo wo Mntan'Omhle e Bungeni, obekwe ngapantsi apa, ngomhla we 13 ku October, 1897, uvumelana no Mteto obusamisiwe we Palamente yase Good Hope, ekutiwa ngu Wokwazisa Amagunya e Ruluneli. Sinokumayela ne Ntshumayelo ze kumazwe a Pesheya kwe Nciba, eba nasema Mpondweni."

HENRY DE SMIDT, Under Colonial Secretary.

KWI BOTWE LASE BALMORAL Ngomhla we 13 October, 1897.

UBABEKO

IKUMKANIKAZI UMNTAN'OMHLE

ITSHAWE U PRINCE CHRISTIAN

LORD JAMES OF HEREFORD

SIR FLEETWOOD EDWARDS.

Ekubeni kwamkelwe u Mteto yindlu ye Ngwevu ne Ngapantsi ze Palamente yase Koloni yase Kapa, ekutiwa ngu " Mteto Wokwazisa Amagunya e Ruluneli, ngokumayela ne Ntshumayelo ze Miteto kumazwe a Pesheya kwe Nciba, eba Tenjini, nasema Mpondweni." Ke lo Mteto ubugciniwe usiwe pambi ko Mntan' Omhle e Bungeni, ekute kwabonakala ukuba lo Mteto mawa- mkelwe ngu Mntan' Omhle, ke ngoko, u Mntan' Omhle uvakalisa Imvume Yake kulo Mteto ngalo myolelo ngecebo nange mvume ye Bunga Elipakamileyo lo Mntan' Omhle.

C. L. PEEL.

### Imihlaba_Elahliweyo

ISAZISO SAKOMKULU—No. 1079,1897.

*Kwi Sebe Lokulima,*

*Cape of Good Hope,*

18 *November,* 1897.

KUYAZISWA kabo bonke abantu, ngo- kwesiqendu sokuqala " Somteto we Mihlaba Elahliweyo," ongu No. 3 we 1879 owahlonyelwa yimiteto No. 24 ka 1887, No. 15 we 1895, okokuba eziziqwenga zila- ndelayo zemihlaba, zikumandla wase Komani, sezinjenge lahliweyo ngokomteto, noku Rulumente uyakabuye azitabatele kuye ngomhla we 18 ku MAY, 1898, ukuba pambi kweloxesha akubangako bayibangayo bahlaule nerafu exilityala kumantyi walo- mandla, njengoko kufuneka njalo kwesi siqendu sesikankanyiwe salomteto.

CHARLES CURRY, Umbhali Ongapantsi kwi Sebe Lokulima.

Lomhlaba ukwi Oxkraal ne Kamastone Location, kumantla wase Komani, obalelwa ukuba ulahliwe.

*Sukwana,* Isiza lot 18, ububanzi 141 sq. rds 100 8 sq ft., intsimi lot 128 ububanzi 2 morgen 552 sq rds, irafu elityala £5 1s 1d ukususela ku 17 April, 1891. Igama lomni- ni mhlaba, okanye umntu ekutandatyuze- Iwa ukuba nguye ngu Sukwana.

## INTSHUMAYELO.

NGU MHLEKAZI U SIR ALFRED MILNER,

Ilungu le Nkundla Epakamileyo yo Mntan' Omhle i Knight Grand Cross yelona qela libalulekileyo lo Saint Michael no Saint George, u Mnumzana we Buto le Bath, Iruluneli no Mpati oyi Ntloko we Koloni yo Mntan' Omhle yase Cape of Good Hope e Safafika, nama Zwana kwakunye nezi Baxa zawo, u Mpatiswa Mikosi yo Mntan' Omhle apa e Safafika, njalo njalo, njalo njalo, njalo njalo,

NGAMAGUNYA akum, ndiyashu- mayela, ndivakalisa ndisazisa, okokuba u Mntan' Omhle wanelisiwe kukuvumela aqinisekise u Mteto ekutiwa ngu"Mteto Wokwazisa Amagunya ??? Ruluneli ngokumayela nokushunya- yelwa kwe Miteto kumazwe a Pesheya kwe Nciba eba Tenjini nasema Mpondweni," wamkelwe yi Palamente yase Cape of Good Hope, waziswe ngapantsi apa.

TIXO SIKELELA INKOSAZANA!

Ibekwe isandla sam ne Tywina Lakomkulu le Koloni yase Cape of Good Hope, ngomhla we 22 November, 1897.

A. MILNER,
Iruluneli,

Ngomyalelo wo Mhlekazi Iruluneli e Bungeni.

T. TE WATER.

No. 491,1897.

*Inxalenye kule Ntshumayelo ingentla.*

ACT No. 29 ka 1897.] [Yazisiwe ngo 23 November, 1897.

CAPE OF GOOD HOPE.

## UMTETO

wokwazisa Amagunya ngokumayela ne Ntshumayelo ze Miteto kumazwe a Pesheya kwe Nciba, eba Tenjini nase ma Mpondweni. —[Uvunywe nge 13 October, 1897.]

LO ulandelayo ngu Mteto owamke- lwe yi Ruluneli ye Cape of Good Hope, ngecebo nemvume ye Ndlu ye Ngwevu Nengapantsi (Legislative Council and House of Assembly) zayo

1. Nokuba yiyipina enye into engaba ku " Mteto wokudityaniswa kwela Peshe- ya kwe Nciba ka 1877," ku "Mteto wokudityaniswa kwelaba Tembu ka 1885," no " Mteto wokudityaniswa kwe- lama Mpondo ka 1894," nokuba ngo- mnye u Mteto, isiqendu sesibini so Mteto ngamnye kule ikankanywe nge- ntla apa siyakufundwa siqinisekiswe njengokungati Iruluneli igunyaziwe, yi Ntshumayelo, ukuroxisa, iguqule, yongeze, ilungise i miteto, Izimiselo ne Miyolelo ekoyo kumazwe a Pesheya kwe Nciba, eba Tenjini nakwelama Mpondo, nengati emva koku ibeko, nokwenza imiteto emitsha kulomazwe akankanyiweyo nokuroxisa, iguqule yongeze ilungise lo Miteto; xa kuyakuti nangayipina i Ntshumayelo yelohlobo Iruluneli ibe nokugunyaza ukubanjwa kwaoko nokugcinwa kwindawo etile pantsi kwemigaqo etile, engati Irulune- li iyimisele kumntu nokuba nguwupina engati yaneliswe kukuba ubuko bake bunengozi kuxolo lwe lizwe; ze kodwa nokoke, ati nawupina umntu obanjwe ngoluhlobo, okanye ogciniweyo emva kwenyanga ezintatu kususela mhla wabanjwa pantsi kwalo Ntshumayelo acele kwi Nkundla Epakamileyo yama tyala ale Koloni ukuba akululwe, esi- yakuti esosicelo samkelwe yilo Nku- ndla, ukuba umntu wolohlobo akagci- nwe nge *warrant* ekutshwe ngo Mteto, engapandle kwalo Ntshumayelo, okanye pantsi kwamandla o Mteto nawupi- na we Palamente ogunyaza ukuba ake abuye agcinwe lomntu ngokwe migqaliselo yalo Mteto.

2. Zonke Intshumayelo ukususela ngoku kuse pambili, ezikutshwe yi Ruluneli nezisaza kukutshwa pantsi nangamandla emigqaliselo yalomiteto, ziyakubalelwa ukuba zikutshwe ngoko Mteto, nazo zonke izinto ezenziweyo pantsi nangamandla e Ntshumayelo nayipina engati yenziwe, ziyakubalelwa ukuba zenziwe ngoko Mteto: ukuba kodwa akukonto kuzo eyakubalelwa ukuba iqinisekisa i Ntshumayelo eyati ngo 1895 Inkasi yama Mpondo u Sigcau yabanjwa yagcinwa ngayo.

3. Lomteto uyakufundwa njengo Mteto omnye nalo Mteto selukankanyiwe ekungatiwa ngu " Mteto wamazwe a Pesheya kwe Nciba, eba Tenjini nase ma Mpondweni, ka 1897."

### ISAZISO SAKOMKULU-No 17,1898.

*Kwi Ofisi Yombhali we Koloni, Cape of Good Hope 10 January, 1898.*

UMTETO OLUNGISIWEYO WE- MPILO YABANTU, 1898."

UKWAZISWA KWEZIFO EZISULELAYO.

ABANTU balatiswa kwezi ngongo- ma zilandelayo " Zomteto Olu- ngisiweyo Wempilo Yabantu 1898" oqale ukusetyenziswa ngo January 1, 1898, ubbkiselela Ekwazisweni Kwezifo Ezisulelayo Ngamagqira asukuba e- mnyanga, kwanabantu abasukuba besonga nawupina umntu ongaba unesinye sezizifo zinalamagama:— Ingqakaqa, kwanezifo ezifana nayo, ifiva ebanga isisu nentloko, ukubola komqala, ifiva ejadulayo, kwane fiva ezinje ngefiva ebanga ubutongo obu- gqitileyo, nesifo samatumbu, nefiva epelisa amandla, ifiva epinda pindayo, ifiva ehlanzisayo neqenqa.

HENRY DE SMIDT, Umbali Ongapantsi we Koloni.

MAKWAZISWE NGABANINI ZTNDLU NANGABANTU ABAGCINA U- MNTU OFAYO.

Isiqenda sa 28. Nabanina ogulelwa nga- mntu onezizifo zisulelayo zikankanyi- weyo kwisiqendu sa 27, nokuba ngu- mnamzana, mhlaumbi ngumgcini we botele, mhlaumbi ngnmgcini wendlu ehlala abantu, mhlaumbi elala abantu, mhlaumbi ngumpati wesikolo, makazi ukuba xa kuko umntu ofayo, kwaqonda. kala ukuba unezozifo, makazise kwaoko kumagunya alo dolopu, ukuba umntu lowo ufayo umgama kwindawo enamagunya edolopu, makazise kwi Kansele yesiqingata, ukuba akuko Kansele, azise ku Mantyi, kamsinyane kangangoko kunokwenzeka. Umntu ote akasenza isaziso njengoko kuyalelweyo kwesisi- qendu uyakuba netyala lokwapula lomteto.

MAKWAZISWE NGAMA GQIRA.

lsiqendu sa 29. Nalipina igqira elinyanga umntu onesinye sezizifo zikankanyiweyo kwisiqendu sa 27 malazise kumninindlu, mhlaumbi umgoini hotele, mhlaumbi umgcini wendlu ehlala nokuba yelala abantu, mhlaumbi umpati wesikolo, nokuba ngubanina ogcine lomntu ufayo, ukuba esisifo siyasulela, kanjalo atumele kamsinyane kumagunya alo dolopu, ati ukuba lomntu ufayo ukude kumagunya edolopu, azise kwi Kanaele yeaiqingata, ati ukuba ayiko azise ku Mantyi, ngokutumela incwadi ebhaliweyo exela ngokuzeleyo isifo enaso, igama, into ayiyo, ubudala bake nendawo akuyo; kanjalo elogqira litumele loncwadi liyakuba negunya lokubiza emagunyeni edolopu, nokuba kukwi Kanaele, nokuba kuku Rulumente, njengendawo ate wayitumela kuyo, nokuba yimalinina engengapezu kwe 2/6 ngaye wonke umntu owaziweyo ; amagunya e dolopu, nokuba yi Kanaele yesiqingata, nokuba ngu mantyi akwa- mkela isaziso esinjalo mabatumele kwaoko kwigosa lempilo; kungabiko nto iyakubizwa nalilipina ikosa lempilo, mhlaumbi igqira ngepepa ebekuyimfanelo ukuba lenziwe; Imali ezicitwe ngamagunya eaiqingata ngezifo ezika- nkanywa kwi Siqendu sa 28 aalo Mteto ziyakubalelwa ukuba zioitelwe esosiqendu. Nalipina igqira elingatumelanga isaziso nencwadi njengomya- lelo wesisiqendu uyakuba netyala lokwapula lomteto.

### Isaziso Sakomkulu.

## Ukuhlaulwa kwe Rafu.

ABANINIMHLABA baya kunjuzwa okokuba irafu (ezazekayo), eze Erefu, kwanenzala kwizi Bambiso ezenzi- weyo, pantsi ko Mteto 15 ka 1897, sezi- fanele ukuhlaulwa ukususela kumhla wokuqala, emazihlaulwe kwi Mantyi ze ndawo ngendawo kamsinya. Emva kwe 31 March, 1898, ezingahlaulwanga ziya kuhlanganiswa ngoko Mteto.

W. G. CUMMING,
Assistant Chief Magistrate.


## C. A. Jay & Co.

BASE QONCE.

BAFIKELWA ngeveki zonke zinqa- nawa eziza nempahla zentsimbi.

Izinto zokusebenza, zentlobo zonke, zawo onke amashishini Izitya—Ezegilasi, Ilampu, Iparafini, Amagaba, Imihlakulo, yentlobo zonke, Amazembe, Ibedsteads, njalo-njalo,

## H.& J HENRY

BASANDU kufikelwa yinto eninzi yengxowa ze

### Swekile Egwangqa

zivela e Mauritius ; amaxabiso engxowa alula kakulu.

Yizani Kubona

UMBONA WETU OMHLOPE

ONGQUSHIWEYO.

Utshipu kanye. Apo bakona kuse

### Cambridge Road.

## A. W. FISCHER (Umzi obusakuba ngoka A. BEET) Emonti

Usand' ukufikelwa Yimpahla Entsha entle kunene, IPRINTI, CREPONS, GRASS LAWNS, njalo njalo. INGUBO ZAMANENE.-Kwezamanene kusand'ukuvulwa EZIBUHLUNGU I-Twidi EZIBANDAYO, NEZIMNYAMA, ezite- ngiswa NGAMANANI APANTSI PAKULU-

AMACICI E-GOLIDE NAWE SILIVERE.

A. W. FISCHER, (Umzi obusakuba ngoka A. Beet)

ARGYLE STREET, EMONTI

IKAYA LABANTSUNDU.

LEMINYAKA I 18

IGQITILEYO,

SINGENISE KWELI LIZWE

## IBLANKETE ZOBOYA.

*EZILUKWE NGOBUGCISA OBU- BODWA, Igama lazo yi ‘‘ EXTRA NAVY or MATTROSS."*

Kungeniswe ngabanye intlobontlobo ezifana noluhlobo; esigqibe ke kwelokuba SIZIPAULE i BLANKETE ZONKE ngopawu esiluqinisele na Komkulu ngohlobo lwemifanekiso le yongamele lenteto.

Ukuba ufuna IBLANKETE YEYENE- NE, kangelisa kunene ukuba inawona umfanekiso we NGONYAMA kwelinye LAMASONDO ayo.

ZONKE EZI BLANKETE ZIZEZINGATANDATYU- ZWAYO.

ZONKE EZI BLANKETE ZILUNGILE ZITE GUNGQU IBLANKETE NGANYE IYAYIVELA IMBOLA.

Kwivenkele enitenga kuzo-ke bizani

Iblankete ezinomfanekiso we Ngonyama.

Ziya kubaku kuzo zonke ivenkile za Pesheya kwe Nciba nase zidolopini zonke,

## JAS. W. WEIR & CO.

E QONCE.

Ngabo bodwa abanokubhala lomfanekiso we Ngonyama

## U W. THOMSON, ONE VENKILE, E WHITTLESEA.

SESONA Sitora sisiso e Whittlesea nakulo mandla. Sinazo zonke intlobo zempahla. Zonke izinto zezifanelekileyo zaye sitengiswa tshipu. Kusoloko kufika impahla ezintsha.

Ilokwe, Iprinti, Inainsook, ne Muslin, Keleko, Iqiya, (Ihempe, Ibatyi, Ibulukwe, Ityali, Ishiti, Izihlangu ne Shuzi, Ikofu, Swekile, Ti, Umgu- bo, Iparaflni, Icuba, njalo njalo.

Abantu Bamkelwa Ngobubele.

## The New Jagersfontein Mining and Exploration Co.

(LIMITED).

## JAGERSFONTEIN MINE.

*The General Manager intimates that able and strong men will find work.*

Good Wages, Food Free, and Good Treatment.

### Wuhlabe Ubemde!

UMKOSI wokokuba o Messrs. OWEN and THOMSON sebelungele ukwamkela i odolo zengubo ezisikiweyo Kauze kwizi tora zetu ukuze inlobo ezininzi ze patron! ze Suti ze 40s , Ibhulukwe 12s. 6d Umntu uzinyulela i Patroni yake size ke tina simenzele Isuti eya kumlingana.

Impahla yetu entsha ye Bhola isandukufika—Onobhala be Clubs, mababhalele kuti ukuze Sibatumele uluhlu lwamaxabiso etu e BATS, BALLS, STUMPS, SCORING BOOKS. Kubizwa amaxabiso alula kwi Clubs.

I Reketi ezintsha ze Tennis yi 7/6. Kuko ne Bhola ezintsha

*Kusandukuvulwa Iqiya ezininzi ezintsha nezintle kunene— zofunyanwa ngamaxabiso onke.*

I Silika ezimnyama ezintsha zinkulu kanye.

## OWEN and THOMSON,

LATE DYER & DYER, LIMITED.

## ODAMS' SHEEP DIPS

FLUID & POWDER

IYAQONDWA yaye isetyenziswa ngu Rulumente Eku- nyangeni Ibhula. Kwakona eka ODAM Idipu Engamanzi yokudipa Ngenxa ka Landipasi.

*inika impilo ezigusheni nase zibokweni.*

Ilungiselela ukukula nobuhle boboya nobe Seyibokwe, ayilonakalisi ibala.

Inokufunyanwa kuzo zonke izindlu ze Dipu zakwa Ru- lumente kule Koloni na Pesheya kwe Nciba.

I ARENTE ENOKUFUNYANWA KUZO

DUNN & CO., E Monti.

BAKER, BAKER & CO., E Qonce.

## BIRCH & CO..

(Ebisakuba yeyo COPELAND & CREED),

CHURCH SQUARE, E-RINI.

BAWUQUQUZELELA umzi ngayo yonke into ekumkondo wengubo zokunxiba ngamanani angapantsi enokutengiswa ngawo impahla

Bakulumkele ukuba vonke into eyingubo yowabo umzi ibe yelushica, netane- nekileyo.

KWEZEMITSHATO, sihleli sigcina ezona zintle ku- nene Ilokwe — Izigubungelo — Intyantyambo. njalo njalo.

Kwakona ezenziwe kakuhle ingubo zangapantsi, ngamanani angagqitileyo. Kwanye njongokuba Kugcinwe o Dressmaker abalungileyo kwaee Venkileni ingubo zomtshato zinokuqitywa ngokumsinyane, zizezentlobo zona ezintshakanye ngapandle kwendleko enkulu.

NINGAULIBALI APO UKONA UMZI—

T. BIRCH & CO

CHURCH SQUARE, E-RINI,

Ikwangamasebe abo E-BHAI nase JOHANNESBURG.

## R. R. V. JEFFREYS

1GOSA LO MANYANO

Ngabasebenzi Abantsundu, Ltd.,

E RAUTINI

*Queens ♦ Town ♦ Agency.*

APA kwalaliswa izibonda nabo bonke abantu ngamalungelo kwabantsundu abangaba bafuni umsebenzi kwele Rauti (e Johannesburg nakumandla wakona) ngolumanyano olungenanto nabu gayi.

1. Abantsundu bamkwa imali kaloliwe, eye pase kwaneyo kuqapula ze kanjalo bamkele imali yokudla xa base luhambeni.

2. Ixesha angasebenzela Iona umntu alinga pezu kwenyanga ezimbini.

3 Olumanyano luxasa i Komponi ezi 99, elingati iqela lamadoda anga 25 afuna ukusebenza kwi Komponi etile, kuti ukuba kufanelekile atatwe

4. Abantsundu abaziqeshese ngolo hlobo bayapiwa ukutya

5. Ize babuyise 30s. kumvuzo wenyanga zabo zokuqala.

6. Umvuzo ude ufikelele kwi 10s. Ngenyanga.

7. Abantsundu abavela e Koloni bakolisa ukuqeshelwa, umsebenzi wangapezulu.

8. Akusetyenzwa nge Cawa ngapandle kokuba kuba kunyanzelekile ukuba kwenjiwenjalo.

Olumanyano luyakuba hlaula abantu abazise amaqela angenga pantsi kwa 25 amadoda asiwe e Komani okanye nakusipina isitishi sika Kodwa kwaziswe ogama lingentla.

## BAKER, BAKER & CO.

## IMPAHLA EZINTSHA

Imiqulu Engama 350 ye Mozleni Emhlope nezi Krim, nge 4 1/2d, 5d, 6d, 7 1/2d, 9d, 10 1/2d ne 1/- nge yadi enye.

Iprinti Ezintsha, 5d, 6d, ne 7 1/2d nge yadi enye

Izephyrs ezi Pinki nezi Blowu, ezingena buqe- nene, ezinemigca ete-tshuqu, nezincinane, 5d, 7 1/2d, 9d, ne 10 1/2d nge yadi enye.

Emitsha imichako yokwenza ihempe, 5d, 6d, 7 1/2d ne 9d nge yadi enye.

Ezintsha i Flannelettes ezi Pinki, nesi Blowu, nezi Krim, Nezimhlope, 5d nge yadi enye.

Isilika Ezimhlope nezi Krim, Zokutshata zona, 10|d, 1/-, 1/2,1/3,1/41,1/6,1/11. 2/6 nge yadi.

Idazini ezilikulu le Zambreli Zelanga (Ezimhlo- pi), Nezambreli Zemvula; ziko ezamanani onke.

Iminqwazi Yesitroyi emitsha engama 750.

I-Ofisi Yokuquba Umsebenzi Wezaziso no- kunika Amacebo ngezinto ngezinto.

## CAMPBELL BROS.,

E QONCE nase JOHANNESBURG,

Bangababali, Nabapicoti, Nababuti bemali ezibaliweyo; Abameli EMA- TYALENI, Kwezomhlaba, EMSEBENZINI, Emafeni, Ezimalini, Empahleni, Imveliso Yomhlaba, Ngabameli kwinto yonke (Commission and General Agents).

BAZIMISELE ukunyamekela yonke into abayiyalezwayo, kanjalo abazingcibi kwimisebenzi yezandla, abawazi kakuhle umsebenzi wokumba emingxunyeni, Abasebenzi, nezicaka zezindlu ezifuna umsebenzi, abanga madoda kwana mankazana, Omhlope nontsundu *bofumana kulilungelo* ukuke bafike kwi Ofisi yabo ekuhlanganeni kwe ALEXANDRA ROAD ne CATHCART STREET, nakwa W. D. SOGA, e-Bank Street.

Abapati bemingxuma bozuza icham elikulu ngokuya kwaba bamagama abalwe ngasentlapa.

Ngo Cingo: " LORNE. P.O, BOX 5.

## Beauchamp, Booth & Co.

E QONCE

*Siyanazisa ukuba siwafezile amalu- ngiselelo ebe siwenza sine*

Mpahla Ezintsha!!

I GERMAN PRINTS, ezona zilungileyo yi 6d. i yadi.

IZITAFU Ezipindiweyo (double width) intlobo zonke zamabala yi 1/- iyadi (ngamanani alula).

ITYALI ezintsha zoboya ezisandulu kufika zenziwe kakuhle ziqala kwi 4/- ziye kwi 40/- inye.

IHEMPI eziyi micako ezomeleleyo ye 6d, 7 1/2d, 9d, nge yadi.

*ILOKWE ZOKUTSHATA esezenziwe kade ziqala kwi £1 5s, zide yiye kwi £5, zinako noku o- dolwa ze zenziwa kwa oko.*

IVEYILE ZABATSHAKAZ1, intyantyambo.

IZIHLANGU ne SHOES nayo yonke into ??? funekayo yomtshato.

Yizani Kubona Isitora setu esikulu esitsha.

## Beauchamp, Booth & Co,

Late JOHN J. IRVINE & CO

# I Baibile ze Zixosa

KWANE

# TESTAMENTE

ZINOKUFUNYANWA NGOKU KWI

Ofisi ye MVO nakwa Mr. NIXON, Qonce.

| ZINOKUFUMANEKA | NAKWEZINDAWO : |
| --- | --- |
| Lovedale | Rev. Dr. Stewart |
| Alice | Mr. R, Stocks Mr. |
| Queen's Town ... | D. S.Barkable |
| Graham's Town | Grocoti & Sherry |
| Kimberley | Rev. X. Pescod |
| Beaconsfield | Rev J. S. Morris |
| Port Elizabeth ... | **Juta** & Co., Etc. |
| Uitenhage | |
| Do. | |
| Cape Town | |

I Baibile Ezintsha Zesixosa qezi tshipu 1s. 3d.

REV. L. NUTTALL, Secretary
Cape Town.



# Abant' Abantsundu

BASE

KAMASTONE,
OXKRAAL,
GLEN GREY,

NASE

TEMBULAND.

*Banokufumana Impa- hla Zamankazana ze xabiso elililo, intlobo zonke Zezihlangu ne Shuzi ko*

# Chudleigh Bros.

Abane Zitora Zonke

E-KOMANI.

YIYANI KWA
G. MUNZEL
Cambridge Road, e Qonce,
NITENGE

Ikofu,Swekile,Izibane, Cuba Ihopu ne Jinji Biya, Izonka ne Ziqamo.

Ufudukele ngakwa W. BEHR & CO.


## Itole Le Mvo

NGOLWESI-NE, FEBRUARY 3,1898.

### *UKONWABA.*

BONKE abantu behleli nje bafu- na ukonwaba. Abanye baba bangabufumana ebutyebini, abanye ekudumeni. Kanti ke ezizinto ne- zinye zinenkatazo ezilunge kuzo zodwa. Ungafika umntu ecinga ngokuba angonwaba ekwindawo eyiyimbi kuleyo akuyo; yingcinga enjalo ebanga utshobo ngokukodwa kwintanga esuselayo. Kodwa ke yintonina emngenisela ukonwaba umntu. Asizezonto nje zimrauleyo, njengokuba abanye becinga ngokuba bangonwaba bekwenye iadawo engeyiyo leyo kanye bakuyo. A- kuko ndawo emhlabeni apa ingaba- lulwayo ukuba angonwaba kuyo ubani; yaye izinto acinga ukuba zizisa ukonwaba zingasebenzi nto kulowo mcimbi ngangokuba ibala lebhatyi yomntu lingenanto liyisebenzayo malungana nokuhamba kwegazi emzimbeni womntu. Ukwenza into emfutshane; ukonwaba yinto yase mxhelweni; ayitululelwa kuye, yaye, ngangoko sinokubona, ixhomekeke pezu koku- pumla kwentliziyo pezu kwenjengo efezekileyo nefanelekileyo; kwi- ndawo yesibini ekucwangcisweni kwezimvo zompefumlo. Ide intliziyo ibe ipumle, amandla asentliziyweni yomntu alungelelisiwa, kunqabile ukuba akufumane ukonwaba. Kanti ke olucwangciso luyintonina ? Lusisiqamo sokulunga — ukulangazela nokusukela into ezilungileyo. Masizamele ukuba silunge kunoko singaba silungile, soti ke sibe ngabantu abonwabileyo.

### *EZENDAWO NGENDAWO.*

*E KAPA-*

U Mr. Ndwandwa.—Kesafikelwa ngu Mr. Ndwandwa wapesheya kwe Nciba, ititshala ekad'ineta, ngeziholide. Kwa- mnandi betu, sonwaba kakulu.

Indwendwe e Kapa.—Abantu bafika lemihla abavela ema Xoseni, de ngoku kwasweleka nendawo yokulala; ade u Mr. Ndwandwa no Mr. Veldtman, ba- hlangana no Ndabeni, ote wabafunela indawo yokulala,—yokuti xa bengeka- ufumani umsebenzi babe belala kona bepiwa nokutya. Lomadoda enze into enkulu, siyawabulela egameni lezi alam ezingazi bani. Qonda ukuba bayafika, —asiyonto ukufika amakulu atiyo nge- mini.

U Mr. no Mrs. Tule.—Kufike nento ka Tule ebiyokufundela ubufundisi baba Pehleleli e America. Ite qu unyaka wamnye yabuya. Seyisiza no Sister Tule welozwe, abaza kuquba lomsebenzi kweli lizwe. Sibanqwenelela inqubo nempilo entle,

Into zase Melika.—Ke saman' uku- buza ukuba kautsho, zinjani imantyi zama Melika elozwe ? Ute yena akazange abone mantyi. Hai nati sase siyeka, kuba besisazi ukuba akuko nto iyileyo. Ute into ayibonayo yena ngama gqira ne Consul eziya e Liberia qa, ilizwe ke elo apo ebetinjwa kona lamadoda. Bubuxoki ukuti ababantu ngama Xosa, nama Mfengu, nama Zulu.

Otitshala.—I Vacation Course ilapa. Into ka Muir imana ukubekisa futi kwi titshala.

Unyulo.—U Mr. Rhodes ufikile. Si- lungiselala unyulo lwamalungu Endlu ye Ngwevu. Noko lonto yinto engaziwayo ngabantsundu balapa e Kapa, kuba ndibone amagama amabini qa emqulwini wabavoti. Yambana noko lonto. Kwaba babini omnye linene elivela e Bai, nomfundisi owayeke ese Bai. Abanye, enyanisweni, abayazi ukuba yintonina lento iyivoti.

Ingxoxo zekaba.—Amadodana ake anengxoxo enkulu kakulu engeniswe ngu Mr. Bula, hai ayitwaxa kakuhle, yati into ka Qobo ayacikoza yangapaya, neka Dambuza ngokunjalo.

Ikwaya Zabantsundu.—Asazi ukuba i choir zabantsundu zipina, esiyibonayo yeyama Lawu,—i Glee Bubudenge obungqingqwa, akungeze nase mabalini uyifumane lonto, unga- soze uve kusitiwa kuko Mxosa, na Mfengu baka batinjwa baya e America. Bubudenge obo.

Ukuzigcobisa.—Ibola iyaqina, ke ya- dibana neyama Bastile, yoyiswa i S.A. F.G.P. C.C. I president yayo ngu Mr. Tshayi. Bekuposisekile ukuti ngu Mr. Sango, yena uyi Vice President.

Amadodana asezikolweni nonxilo.— Unxilo lusatwele amehlo kumadodana, ngokukodwa awase zikolweni. Enye isele kakulu gqita, yenzaiblazo endinge- na kulibala. Ilele ingakululanga, beva abantu ngevumba, kanti ----------------, okwe- sibini ndiya kuyibiza ngegama, ndiyi- xele nalonto.

Isinodi ezimbini. — I Synod yase Church of England neyama Wesile be- zingene. Siva ngo norauzana ukuba ziquba kakuhle.

Inqubo yamaledi Antsundu.—Ama- nenekazi antsundu apa atsala amanqa- ku, kuba kaloku ayaqala ukubonwa. U Miss Ngudle yi Dress Maker epambili, uwufundile lomsebenzi noko atitshayo. U Miss H. Mdolomba utunga kwa Cleghorn & Harris, kwi Dress Makers. Intombi ezifuna umsebenzi zingawufumana apa, abelungu batanda intombi ezintsundu ngapezu kwama Bastile.

Idam e Tafile.—Kule cawa kuza ku- vulwa idam kwintaba eyitafile (Table Mountain). Boke baufumane abantu umsebenzi.

Uqekeko.—I Jubilee Singers nazo azi- sezonke, ziqekekile, ezinye zihamba eyazo indlela.

## Ngubanina lo Kush?

[I LETA KU MHLELI WE " MVO."]

Mr. Mhleli,—Kumzuzu ndipulapule zipalazwa " imvo zabantsundu" ngetya- like yohlanga, kaundipe ke nam ituba lale midana, nceda. Uyi *Saint* na lona Kush? Akukabiko bani nakubapakami- si beligama obonisa ukuba wayeyiyo; nakwincazelo eke zabonakala ngaye akuko nto ibonisa ukuba nepempe eli, nokuba luluti olu lwendlu yetyalike ka Krestu lungade lubizwe ngaye; kuka- ngakananina ke ukuba ibandla lingade libizwe ngaye? Okwangoku ngati inya- nge elo lipakanyiswa kupela ngokuba kwatiwa "I Topiya iya kuzipakatnisela ku Tixo izandla zayo,"—nini, nangandle- la ni? Liko isiko elihle lokuzibiza nga- magama *Abangcwelc* izindlu zetyalike, ngo St. Paul, St. Peter, no St. John, njalo njalo; kodwa andizange ndive ndlu ya- tyalike nabandla libizwa nga *mabhoshela* anjengo Esau, no Absolom, no Judasi, nangabanina owayengena ludumo luhle enkonzweni ka Nkulunkulu njengokuba kubonakala njalo. Ukufutshanisa,— ngendawo yokungafaneleki kokuba ama- bandla e Nkosi ubizwe ngabantu—izinto zezinqekeko ke ezo—manditi kwi Sityile- 10 sika Yohane ii , kutiwa kulo Mpostile makabhalele Isitunywa se bandla *lase* Efese, Simirina, ne Peregamo, nezinye indawo; i Ngelosi ayitsho ukuti ibandla *lika,* okanye *lamatile ;* ekubonakala ukuba kunyamezeleka kupela ukuba ibandla libizwe ngendawo nokuba lilizwe elikulo. Le yamawetu ke into ifuza yipina? U- kuba singaba siseko isizukulwana sika Herodi akungebi mmangaliso kanti xa naso sindulula ibandla lama Herodi nge- zimini. Mase undinyamezela, Mr. Mhleli, pezu kwalo mcimbi ndenze nezi mpawa- na : —

*Ngezabanye*— Kubonakala mhlope u- kuba unqulo nombuso zinto emazihambe kunye ngokwendoda nomfazi, oluti uku- ze lume *unqulo lohlanga* umbuso ube ngakulo ; kuba no Tixo ekuqubeni Kwake nama Sirayeli, ube ngavumi—nanamhlanje— ukuba kulaule okumkani abako- hlakeleyo abalupete bukepu unqulo Lwake. Okumkani abangevayo bebenganzinga ebunzimeni, ebasantsulisa abachite nasezitulweni ngelituba, bada bambi bafa ukufa okubi. Lonto ke ibonisa ukuba unqulo maluhambe kunye nombuso. Nakulemihla, kwintlanga ezikanyiselweyo (ndiziyeka ezaba hedeni) " ityalike (unqulo) zohlanga" ziqutywa nje zinobukumkani bazo, imfundo, ama- lungelo, nobulumko bazo (ngobulumko ke ndishishinga yonke imisebenzi). Ku- njalo nase Ngilane, umbuso uhamba no- nqulo ngezizizatu nezinye.

*Ngohlanga*— Mna ke betu ndiba lento iluhlanga *(nation)* iba lulo xa lunobukosi balo, lungachitakele. Tina ke soyiswa, sachitakala, asisena zinkosi, nazinkosana sinazo sezinjenge zibonda ; sesizindimbane nje ezibizwa ngokuba zi *Subject Races,* i *Aborigines* ne *Natives.* Ngekubhetele ukundulula "eyohlanga" ukuba besi- nalo ne xaxavitana le Republic elinjenge-
li lika Oom Paul—i Transvaal; ewe nokuba besinje ngama Mpondo lawa, nabe Sutu ekusenokutiwa baluhlanga, abachitakele, base nobukosi babo nakuba zinqunyulwe noko impondo ngokungena pantsi komnye umbuso.

*Ngombuso.*—Sendite asinawo, kwabe nakulo mbuso sipantsi kwawe (Respons- ible Government), singekabi nazitulo zetu kuwo. Ndibayeka o "Ebhabha" bezi- tulwana esinazo kwi Village Boards of Management, akukabiko namnye ontsu- ndu oyi J.P. (Justice cf the Peace), nokuba yi Felkorneti le ; akukabiko nelungu elimpeqa le Town Council ne Divisional Council, andisateti kona ngele Palamente. Siqala ukomula izitulwana ezingati ziginyisa amate ngezi ze " District Councils " zika mana ka Lhodzi. Naku- mbuso wakwa Xhosa ibisiti into yabanye ukuze ibeyiyo. ivakale kakuhle, ibe na- bameli bayo ebandla. Ingade iranelwe into ekutiwa " yeyohlanga " equtywa ngabantu abasekude, nabaswele izitulo ezintweni zomzi wonke kude kubese mbusweni.

*Ngemfundo.*—Amawetu asebuhlwempu kakulu nangayo. Basembalwa kakulu kuti abalifanele ngenene igama lokuba " ngababfundileyo," abawufumanisa imbe- ko umzi ngemfundo yaba. Isininzi sempi ekutiwa yefundileyo. sizingwenye ezikiwe ziseluhlaza, siraulwe ngemfundo, ngoku inkoliso yimibhudlela ehlazisa umzi izwe nezolo—(nanko u Soyizwapi esixelela ngababhoxe i Kresmesi e Zolo), — ngamaqitala nasezi ofisini kwimisebe- nzi yokubhala abazinto. Nampinzana zibambelelayo kulemisebenzi zezite za- nyamekela ukuziqubela pambili ngokwazo nokukonza ngentobeko. Baya- nyakazela abafana " abafundileyo " e Transkei kodwa sibapuluka besifuna isikolobo se £250 so Nobhala ebefunwa kona. U " Kabilitye " uwixelela ukuba abamhlope botukile bakuva ukuba naba- ntsundu bangenise izicelo ngesisikolobo. Kungani ukuba botuke? Kungokuba bona bayabona ukuba inkoliso yalempi yakuti kutiwa yefundileyo igqwagqwe nje emfu-

Kaffir and Sesuto Cards for 1993

ndweni ayipumanga nanto. Nangakuba fundisi ayipikwa bani into yokuba naku- bo isininzi asinamfundo kuyapi. Ndaka ndalesa Isigitshimi se Nkomfa” ngendawo yokurora kwabohlanga ngobu Sibalitende sasisiti: “ Abafundisi abantsu- ndu (abanye) abakabinakufikelela kumasebe atile omsebezi nokugcina ingxelo ezicikizekileyo zawo.” Kutshiwo ngabantu ekutiwa ngabafundisi abazeleyo, ekunzima ukuba basiqonde isizatu sokuba bangazibambi izitulo ezino Lampulo—bakalazeke kude kube sekupoqeni. Xa isininzi sabafundisi namadodana akowetu kutiwa akakabi namfundo ipilileyo nje kungaqubeka ntonina “yohlanga” kakuhle? Umkokeli wabantu nokuba ngumpatiswa wento zabo uti ukuze aqube bhetele avelele okanye abepakati kwabapambili emfundweni, ekulumkeni, ekwazini, nasekuqondeni, kungenjalo ibabubudididi kwinto yonke. Opikayo ke makarobe kuma Yerepe. Imfama ayinakukokela abatonayo kulunge.

*Ngamalungelo namashishini.* — Kuse kubi emzini nangezindawo, saye singati asiqondi ukuba amaxesha ayatshintsheka. Elixa umhlaba uncipayo wona bubuninzi babantu, kokona kumawetu yonke lento iyindoda ingaka nje kusati ukuze kutiwe yindoda ibe nempahla ehambayo, ilima yonke. *I Bank* enkulu yamawetu isisi- sulu sesifo Sokuqala esifikileyo ; nango- ku u Landipasi umke ne *Cheque* (inko- mo) ezininzi kunene zamadoda ; i *Bank Notes* zomzi, impahla emfutshane, nazo zililita lebhula ne liqwa ; ne *Cash* yamawetu, ukudla, kulilita lenkumbi, ingqo- koqwane nokubola eziseleni. Ngapandle kwezizinto, kusenjengobu “lawu” ku- mawetu ukuhlala nokupila ngendlela- ndlelana zasemlungwini. Ngemisebenzi (i ambara na mashishini, etc.,) yohlanga isembalwa ngokwe tontsi empandeni, nokuxhasana kwetu kuyo kokusasoloko *kulilisa.* Namadodana (isininzi sawo kwakona) ekutiwa afundiswe i ambara. apuma ezikolweni esapete i *rough work* engekayiboni i *practical work,* ongafika ke bepata beyeka bengenakumisa nto ngokunganelisi bani ngomsebenzi wabo etc., ukugqiba nto basuke abanye bayo- kwela ezikwatini, bambi bazilete emipa- ndeui nezo trade zabo. Sisesezincebeni zababantu kutiwa masahlukane nabo— abamhlope—ngazo zonke indlelana zo- kupandela impilo nento zokuxhasa unqulo; engaqina ngelanga elinye “ lenqawa yohlanga” khe bati bonke abamhlope, ngomso lo masivalelwe nga- pandle kwezinceba.

*Ngama Dyodinama Silamsi, etc.*—Kutiwa ngabanye xa kutetelelwa letyalike yohlanga ziquba olwazo unqulo nazo ezintlanga. Ewe, kodwa simgangatweni mnye na nazo tina ngemfundo, ngezitulo nangamalungelo ? Hai. Ama Dyodi anendedebe zawo kwinto zomzi nase mbusweni, o Rothschild, Hirsch, Barnato,' Beit, no Joe), nabanye, olungahlonelwayo nokuba luquba ntonina ke unqulo lwabo. Kwangokunjalo kuma India nama Silamsi, ziko izidwangube zawo o lianjintsinjhi, o Bhownagree, Valoosam- my, no Ramachadran, nabanye; ewe, o Imaum Nantsi, no Hadjie Sibanibani abase matekwini ento zomzi. Tina sime- Iwe zinduna zamawetu ezingobani kwezi zinto, ngapandle kwaba bantu kutiwa masahlukane nabo ? Ukuze uqonde uku- ba kunganzima beziroxisa inceba zabo emzini, okuya ama Silamsi ayefuna ukugibisela owakowawo e Palamente, abamhlope basuke balivala iroba awayeza kungeniswa ngalo, nanamhla ke um- Effendi lowo usaginya amate ngapandle kwezondonga. Amawetu selenokunyamezeleka ngokwezi ntlanga na? Hai bo, awakatembeki nanjengazo.

*Ngama Melika.*—Liposwe e Melika ite- mba lale “ ntshukumo! ” Ama Melika abatiye ngokusegazini abamhlope, kodwa wona selemgangatweni mnye nabo nge- nto zonke zenqubela, afikelele nakuma sebe ombuso, anokuzimela ke, angade ayiqube kufaneleke ne Episkopu yawo; kanamanjazo, wona *akutshwa, awazikts- panga ngokwawo* njengati ezincebeni zaba bantu kutiwa masahlukane nabo! Bemtiye njalo ke omhlope paya baza kudibana apa namahlwempu eli asalwa nomoya wobu Bhulu ngamanqindi, angena zingcola zohlanga (abameli embusweni) apile kwango Innes no Sawala aba. Adibana nabantu abasesemva ngento yonke, abangekabi namonde, nzondelelo, nyamezelo, nakucikizeka ntweni, o *solange* siquba nokuba akukuhle, dasinikisi; besenalo kanobom nocalulo lwabantu. Asivani sisapetwe, siya kuvana sakuzi- pata na? Zibhanga izinto zetu ngo- kungevani; intlanganiso zetu azimi: i N.E.A. (yengqondi zomzi) *ngumaf' evuka;* ezi Sosaitini nezinye intlanganiso zetu *bubudododo* bodwa; maku- fike unyulo Iwabameli e Palamente, *siqekeke;* makubeko i jubhili, *sirortlane,* kufike i Ruluneli, *sikabane;* saye sibinzana ngokungena ntsikelelo kwimicimbi ngemicimbi yomzi. Pantsi kwezimeko, ukuti abantu abase pantsi ngento yonke, nobukumkani babo bupambene bodwa, badibane nabantu asebeqube kangaka, lumanyano “ lwaba roreli ” (ama Kush) “nabachasi” (ama Melika) bomlungu ekunzima ukuluqonda, ekungade kungabiko temba ngalo. Andingebi ndiya- botusa abalesi ngokuti, e Melika umzi lo ucingelwa bhetele kunoko unjalo,

*Ngenqekeko.* — Lentshukumo itetelelwa nangokuba abamhlope nabo baqekeka. Ewe, kodwa bona besamele izinto zonke, umbuso, imfundo, nemisebenzi isezandleni zabo; nangapezu koko nalawo mahlelo abo anezihandiba zabameli bawo kwinto zonke zakowawo. Sinobanina tina? Namnye. Kwakona, ama Kush ati abelungu abateti nto bona ngalentshu- kumo; kungade kube kunjalo, kodwa bona banamava ngezizinto, bangakebaye- ke ukuteta bakangele inqubo yokuqingqa kwentsana ezintweni. Abangeteti nangetuba lokuba babone indlu emnyama esesemva ngento zonke, ilibuyisela emva —25 years back !—ixesha layo loku- konza nokuba sezincebeni zendlu emhlo- pe. Kuba, kanjalo kutiwa ma- washiywe amalungelo, (imihlaba), nendlu zetyalike esezakiwe, kuyokuqalwa pantsi ukugaula izinti zokwaka ezohlanga. Ukuba andiposisi, ama Sirayeli ukupuma kwawo e Dyeputa ayalezwa ukuba azicholachole zonke izinto aziqwebileyo kona, afahle nazo. Elicebo lokulahla yonke into kwa Kush apa lifuza lipina? Ndaka ndeva intshumayelo yomnye umKush, e D-,eteta ngokukutshwa kuka Lote e Sodom; waza wabhekisa bukali kubapulapuli esiti, “Pumani e Sedom (kwezinye iremente) nize e Tiyopiya ! ” Kwabonakala ukuba lento itetwa kakubi nangabantu abangakwaziyo ukuteta ngayo!

Mr. Mhleli, nani bales! abatandekayo, uxolo! mandize kuqukumbela. Malu- nga nombuso nezitulo: sibe netamsanqa lokuba pantsi ko Mntan’ omhle u Vitoliya, ongacaluli bantu, sanikwa i Responsible Government—ulaulo olusezandleni zayo yonke indoda nge voti yayo. Kanti nangoku kusati kwakutiwa makungeniswe amagama emiqulwini yabavoti, amadoda alibale kukubhuqeka ngasezintlanti, isininzi singawafaki amagama anemfanelo; bambi abavumi kuliqonda nanamhla ixabiso levotI. Ngalenxa ke abameli babona bantu baninzi (tina ke) bambalwa e Palamente; kwesamele ama Bhulu ngo “Omfeyire” omana esekusi- ni engeko nase Bandla !!! Nangakwezo bufundisi izitulo kuse kuhle ukuba besingumzi onyamezelayo nonomonde; kuba kwenye intlanganiso yesiqingati. bati abohlanga bakurora ngokubandezwa kobu “ Subalitende ” u Rev. Robert Lamplough wati: *nabo* (abamhlope) *bahleli besazi ukuba liyeza ixesha lokuba bakwe- lele abantsundu kwezo ndawo,* Kwezi zinto zonke ke kufuneka kupela i *qualifications* emadodeni — zemfundo, zengqo- ndo, nezinkutalo, asuke ke betu azixbam- le nje kakuhle zonke izitulo ezi azifuna- yo kude kube kwezase Palamente. Na- ngemfundo bekungafuneki nokuba bade abaf'ana baputume i “consumption” yeugqele zase Melika, kuba ikwako na- lapa. Nabo bayiputuma e Melika baza kusuke badumbe intloko bafilishe besa- funda, basuke ke bafune ukupuma ezi- kolweni bengekabambi nto inankozo. Kutyiwe nto zinina ngumzi kwababeyi- welele imfundo? Bambalwa kakubi, ukuba bako, abangaba banazo. Ikwa ngabafunde kwalapa abanezinto eziwuni- ka imbeko umzi. Ngapandle komona wobu Bhulu imfundo isesezandleni zetu apa ukuba siyinyamesele sikuxolele nokudleka ngayo; kodwa kwi ugxelo yase Lovedale esand’ ukubonakala nango ama £768 ekutiwa *ngamatyala* e Netevu emfundo angekahlaulwa! Yi- mfundo efunwa ngesisa na le kubhuqe- Iwa yona ? Ngamashishini ohlanga sendite asembalwa ngokubuhlungu, saye sisaxasana ngokulambisayo, izinto zetu ke ziwa ziwile; kusenzima kanye ukuba sibe no Dyer, o Baker no Malcomess bohlanga. Kusenjalo nakw ??? imi- sebenzi sisakolise ngama anga pumelelisi nto ; sisapila ngemisebenzi yaba bantu kutiwa masahlukane nabo ! Ndike ndive abelungu ngezinye izinto besiti “ Time alone will tell ; ” ndibhala njengo nenkolo yeloxesha ke. Ukuba amawetu *ebeselenazo* kakuhle siteta nje ezizinto zifunekayo ndizikankanyileyo, bebengati nabaninzi abangayiqondiyo “ lentshukumo,” ewe nabamhlope, babone ukuba umzi unazo impahla (instruments) zokusebenza no- kundulula into zokuzimela, ewe, ibinga- de “ netyalike yohlanga” ivakale bhetele. Kona ngoku kusanqapazeka zonke ezizinto nje, asenokuti amaku- mshana : “ The thing *islufifius,”* abasatsho kubafanele ke nabangayivayo lento ukuti “ boyicela ivutiwe.”

Nazi ke, manenekazi namanene akowetu, *ezinye* indawo zokuba ndingayiqondi “ lentshukumo yakwa Kush,” kude kuzokuba ngoku; ndizibeka parabi kwenu ngentobeko ngokwamafensterana endibona ngawo.

Camagu, Mr. Mhleli, ngamazwi amade kumhlana ndikukataza kangaka nga- lomcimbi.—Ndingowako, njalo, njalo.

M.

ORSMOND’S
PREPARATIONS
GREAT AFRICAN
REMEDY
THE STANDARD DOMESTIC
MEDICINE
FOR FEVERS AND COMPLAINTS OF THE HOME
*Vide PAMPHLET.*
ANTI-RELAX
GUARANTEED SPECIFIC
FOR COLIC, DIARRHOEA, DYSENTERY. AND SUMMI BOWEL COMPLAINTS.
BLOOD
PURIFIER
FOR KIDNEY AND URINARY DISORDERS.
ECZEMA AND ERUPTIONS.
SORES, SYPHILIS, SCROFULA.
UNRIVALLED TONIC FOR FEMALES.
FROST PILLS
FOR LIVER. STOMACH AND BOWEL!
PILES AND CONSTIPATION.
ARE MILD AND EFFECTIVE.
HERBAL OINTMENT
FOR NEW AND OLD SORES, SKIN DISEASES,
RHEUMATISM, PAINS IN JOINTS AND MUSCLES
SPRAINS, INFLAMMATORY SWELLINGS.
PREPARED by G. E. COOK,
MEDICAL HALL,
KING WILLIAM’S TOWN

International Bible Reading Assoc.

Useful Bible Almanac for Home or Class.

*Plan of Arrangement*—Readings, Topical, parallel passages for daily readings according to the lesson of the weekly topic. *Advantage of Method*—Readings may be used for Home Worship or Bible Class.

Price 12/6 per Hundred (including Postage)

*Orders, accompanied by Cash, received by*
JOHN KNOX BOKWE,
I.B.R.A. Branch
Secretary
Offices of IMVO ZONTSUNDU,
King Williams Town.

# IMVO EXTRA

THURSDAY, FEBRUARY 3, 1898.

IT appears that King KHAMA, the head of the Mangwato tribe in the North, who became famous by reason of his aversion to strong drinks, which he has rigorously kept out of his country for years, has at last been prevailed upon to allow a hotel to be put up at Palachwe, a Station twelve miles from his town of 30,000 Natives. Although it is stipulated that not even a drop of brandy shall be given to a Native, we know what will follow. For was not the same thing done in the Transkei, with the result that nowhere else is liquor doing greater
mischef among the Natives than Territories.

The Transvaal Wesleyan Native Methodist Synod has also been holding its sessions in Pretoria during January. It does not come under the South African Conference, but it still worked from England. The rapid growth of the fact that four years ago there only three
European Ministers in the Johannesburg Circuit, where now there are nine. In the Native Church the extraordinary growth in numbers
is proving a serious cause of embarrassment from the difficulty of training sufficient teachers and Evangelist

THE Mashonaland Synod of the same which also sat last the presidency of the REV. SHIMMIN, also shows progress the English and Native department. The members of the Synod decided upon certain changes in the appointments for next year. It was resolved to commence work in Umtali, and Mr. TEMPLE, who has done good work in starting the new mission station at Majila, was ap- . pointed to the post. Mr. STANLAKE, after two and a half years' hard work in Salisbury, succeeds Mr. TEMPLE. Until a new man arrives from England, Mr. STANLAKE will undertake the duties of resident minister in Bulawayo. Mr. WHITE, who has spent three-and-a-half years in Mashonaland, has permission to visit England. He will be succeeded by Mr. BRIGG, who has resided six months in this town. Mr. BRIGG is sorry to leave his friends here, but rejoices at being appointed to the work that lies nearest his heart. Application is to be made for two new men to come out here at once ; one will assist Mr. SHIMMIN in Bulawayo, and the other proceed to Salisbury.

## BIBLE LESSON

FOR SUNDAY, 13TH FEBRUARY.

INTERNATIONAL BIBLE-READING Assoc,

SUBJECT-THE *CALL OF MATTHEW*

MATTHEW IX, 9 to 17.

Some of the words of Scripture are spoken to all people, other words are spoken to certain classes of people. This lesson is for one certain class—for Government servants. Now many of those who read this paper are such. To you then this word comes. Matthew was a man who collected the taxes for the Government, some of you do that, others are clerks, or policemen under the Government. The Lord calls you to-day as he called Matthew, He says to you " Follow me."

Matthew was a man who had a good education. He was called that he might use it in the Lord's service. He wrote this gospel that we are now studying week by week. And so we in these days get a blessing because Matthew obeyed the call of Jesus. There is a great need to-day that those of you who are educated should work for God. The work that the Missionaries have done for you in past time should be in your hands now, and many things which they cannot do for you need to be done. Your education is a great power: do not use it to make yourselves great or rich, but use it in the service of God, and of your fellow-countrymen; then you will, like Matthew, give a blessing to the generations of the future.

Matthew had also a power on account of his position. Before he believed, he had used this power only to make himself rich, but afterwards he used it to lead his people to believe in Jesus. He made a feast in his house and called all those who worked with him to come and hear the words of Jesus. You also have authority in your hands. When Jesus calls you to follow Him He says you are no longer to use this power to make yourself rich or to trample on those who are under you, in your pride, but to make them your friends, that by your word and your example they may learn to obey Him who is the Master of us all.

Many are sick in their souls; lead them to Jesus, the great Doctor : v., 12. Many are sinners; call them to repent: V., 13.

## REPRESENTATION OF THE NATIVES.

[LETTER TO THE EDITOR OF " IMVO."]

DEAR SIR,—Will you kindly allow me, through the medium of your paper, to ventilate my feelings.

There is one thing I would ask, from a Native point of view, and that is— Has the time not yet arrived for the large number of Natives in this continent of Africa to have representatives of their own colour in Parliament ? While, Mr. Editor, I do not say that those who have been their representatives have not done what they might have done for their constituents ; still I ask, from a broad point of view, whether there is any harm, for such Natives as are competent to take seats in the Houses of Parliament, to come forward and be representatives of their own race in making the laws of the country?
We have been told from the last Census report that to every white man in South Africa there are three Natives, now, if such is the case, is it not fair for us to a voice in Parliament? I shall be much obliged if any one will kindly come forward and show me any harm which would injure the Native race if they would send representatives of their own.

Thanking you in anticipation,
Yours, etc.,

OBSERVER.

## SANTA *CRUZ:* The Holy Cross.

The Cross; a symbol of that faith, That points to Calvary;
A living token of that Death, That sets the guilty free.

Long hath it stood, so silently, Where Algoa's rock-bound shore Beats back the waters of the sea, With angry, sullen roar.

It tells of man's belief in God;
Of Diaz and his band, Who braved the waters and the [flood, At Christian King's command.

It speaks of Freedom's flag [unfurled, For Christianity;
A beacon light, in this dark world, To God and liberty.

On Santa Cruz, long may it stand, As emblem, may it be
The cheer of Good Hope ; in the land Peace and prosperity.

A.K.S.

## Amayeza ka Cook Abantsundu.

UMZI ontsundu ucelelwa ukaba ukange lise lamayeza abalulekileyo.

COOK — Elika Iyeza Leslsu Nokuxazaza. 1/6 ibotile.

COOK — Elika Iyeza Lukokohlela (Lingamafuta). 1/6 ibotile.

COOK — Aka Amafuta Ezilonda Nokwekwe, 9d. ibotile

COOK — Elika Iyeza Lepalo. 1/6 ibotile.

COOK — Ezika Ipils. 1/ ngebokisana.

COOK — Eka Incindi Yezinyo. 6d. ngebotile.

COOK — Oka Umciza Westepu Saba- ntwana. 6d. ngebotile.

COOK — Oka Umgutyana Wamehlo. 6d. ngesiqunyana

COOK — Oka Umciza we Cesine. 3/6.

Niqondise ukuba igama ngu

## G. E. COOK, Chemist,

E QONCE.

*Ngawenkohliso angenalo igama lake*

Owatengisayo e Mount Frere, ngu Mr. J. J YATES, " Umatendela"

## Ikadi ze Sixosa ne Sisuto 1898

—ZE—

Bandla Lezizwe Ezifunda Izibalo

I-Almanak yezifundo ze Baibile.

*Uhlobo lwezifundo*—Zijonge kwi Ngo-ngoma etile esiyakuti isiqendu ngasinye semihla ngemihla kulo veki sikwezelele yona. *Ubuhle bale Nqubo* —Izifundo zinokusetyenziswa kwizi- lasesho zase kaya, kwanje ngaseziklasini zabafundi Zibalo.

Zitengwa: 1 1/2d. inye; 1/6 nge dazini

*Abazifunayo botumela kunye nomvuma ku* JOHN KNOX BOKWE, U-Nobala we Bandla, Kwi Ofisi ze Mvo ZONTSUNDU, King Williams Town.

## Unyulo lwe Bandla Lwengwevu

Kubavoti Abantsundu base Qonce

UCOL. ZACHARY S. BAYLY, okwiqela laba Kugqatso lwe Bandla Lwengwevu, uya kuhlangana, enze inteto ku Banyuli Abantsundu bo Mandla wase Qonce, e

MGQWAKWEBE KA DIKWENI,

—NGOLWESI—

BINI, 22 FEBRUARY, 1898

NGO 1030 KUSASA.

J. TENG-OJABAVU,
Ummemi.

January 31, 1898.

Fundan'apa Mafama Ngalibali!

## Idipu zika BATTLE Zegusha!

ZIMINYAKA INGAMASHUMI OMAHLANU ZIKO.

*NANTS 'INTO OKAD 'UYIFUNA*

MAFAMA, ukuba ninga ninganvanga igusha zenu ebhuleni sebenzani nge Dipu zika BATTLE, eyo-Mgubo Nengamanzi. Zezona Dipu Zegusha Zilungileyo, Zingena ngozi, Zitshipu e South Africa apa, nakulo lonke. Idipu zika BATTLE zegusha zisetyenziswa Ngamafama angawona ate putu ehlabatini; kanifunde incwadi ezingqinayo kumapetshana ashicilelweyo.

Ezika BATTLE Idipu Zegusha "azike zibulale Gusha " ; into yazo kunyanga ibula; zilungisa uboya ; zizinika impilo negusha ngokwazo.


Sebenzani kupela ngezika BATTLE Idipu Zegusha; uqiniseke ukuba uzuze eka BATTLE, ukuba unga zingamhlope igusha zako zingabi nabhula.

Banayo bonke abatengisi, Pesheya kwe Nciba, nase Kokstad, Nakwindawo zonke zakwa Rulumente zempahla e South Africa.

## ARTHUR and CO. LIMITED,

Kupela kwe Arente e South Africa,
E-BHAYI

# KUFUNWA!



1,000,000

Leponti ubunzima be

HABILE

KUTUNYELWA KU

J. HODGES & CO.,
QUEENSTOWN.
KUFUNWA

## Kutengiswa i Fama Elungileyo,

UBUBANZI 301 Morgen, inamanzi ngokwaneleyo, ingca iko ye nkomo nempahla emfutshane. Inemiti ise Maxongo's Hoek, Kwelabatembu.

Ixabiso yi £450. Umntu unikwa ixesha elaneleyo lokuba ayihlaule. Lituba elifanelekileyo kwindoda entsundu ekuteleyo.

Abafuna incazelo botumela ku Mcazi-Mteto

4172 H. B. M. HOWARD, Cala.

## O ALLEN & CO.

Base GCUWA,

BANEMPAHLA eninzi ezi PRINTI ITYALI, inansuk zamabala onke.

Impahla etshipu neyomeleleyo. Kwezamadoda i Suti, Ibhulukwe ne Batyi zilapo. Izihlangu Zamadoda Namankazana ngamaxabiso onke.

Icuba elimandi lama Mpondo nentlobo zonke ze mbewu nokutya ziko.

## ISAZISO ESIBUKALI!

ABA Guquli be Zibhalo Ezingcwele bazisa wonke umzi ofunda i Bhayibhile yesi Xhosa ukuba ngoku bapete i Testamente Entsha, nayo ke sebeza kuyigqiba.

Ngoku bayaqokela ukucela bonke abafundi. be Bhayibhile yesi Xhosa ukuba bawaxele amazwi abangakolwayo ngawo, kwa namazwi abati ngekufakwa wona endaweni yalawo bawakalazelayo.

Aba Guquli bozikangela indawo ezinjalo baziqwalasele. Umzi onendawo ozikalazelayo mawuzitumele ku Rev. Dr. Kropf, Stutterheim; mhlaumbi bangazibhekisa ezondawo kwamanye amalungn anje ngo:— Rev. Canon Woodrooffe, Grahamstown; Rev. Dr. Soga, Miller, P.O. Umtentu; Rev. E. Makiwane, Macfarlan, Alice ; Rev. W. B. Rubusana, East London ; Mr. J. Tengo-Jabavu, King Williamstown.

ka Keating
ka Keating
ka Keating
ka Keating
ka Keating
ka Keating
ka Keating

Umgutyana Umgutyana Umgutyana
Umgutyana Umgutyana Umgutyana
Umgutyana

Lo mgutyana, udume kunene awugqitwa nto ekutshabalaliseni incukutu, intakumba, amanundu, nazo zonke izinambuzane (kodwa ungenangozi ezilweni). Zonke impahla zoboya mazigalelwe ngalomgutyanaxa ziza kugcinwa. Unoncedo kakulu ngaselwandle. Ukuze ungadani, qiniseka ukuba utate oka " Keating umgutyana." Akuko wumbi uncedayo.

UBULALA INCUKUTU, INTAKUMBA, AMANUNDU, AMABUNGANE, INGCUNGCUNI,

Awugqitwa nto ekubulaleni intakumba, incukutu amabhungane, namanundu kwingubo zoboya nazo zonke intlobo zezi nambuzane, Abazingeli bayaku wufumana unoncedo olukulu ukubulala intakumba ezinjeni, kwanamanenekazi kwinjana ezifuyiweyo.

ABANTU BAYAYALEZWA ukuba owona unguwo, ubhalwe igama lika THOMAS KEATING; ungenalo yinto nje yokubalablekisa abantu. Utengiswa ngenkonxa kupela.

Izilo.—" Ebantwaneni."
Izilo.—" Ebantwaneni." Izilo.—" Ebantwaneni." Izilo.—" Ebantwaneni."
Izilo—" Ebantwaneni."

I TABLETS zika Keating zezilo liyeza elilodwa (LENZIWE NGEMIFINO KUPELA) ngembonakalo nango kuvakala emlonyeni, liyindlela etandekayo yoku- nika iyeza elipilisa ngokuqinisekileyo kwizilo ezisesiswini. Alinangozi, alise- benzi ngamandla, kanye lilungele abantwana. Litengiswa ngenkonxa nangebotile, ngabo bonke abatengisi bamayeza.
Umninilo - THOMAS KEATING, London.

## INTLOBO ZONKE ZE BAIBILE,

*Ngenteto ye Sixosa,*

Zinokufunyanwa

KWI OFISI YE " MVO," E QONCE; kwanakwa

Mr. C. E. NIXON.

Lemizi yomibini Yenziwe indawo zokutengisa i Baibile yi

British and Foreign Bible Society

(Umanyano loku shicilela Izibalo)

Amaxabiso wofunyaniswa incwadi asukuba efuna zona.

I Baibile

| | | |
|---|---|---|
| | 9/- | nge Posi 10/1 |
| | 4/6 | 5/7 |
| | 3/ | 3/5 |
| Enkulu | 2/3 | 2/8 |
| | 1/9 | 2/2 |
| Encinane ... | 1/3 | 1/71 |
| I Testamente Entsha | 2/- | 2/3 |
| | | 2/3 |
| | 1/3 | 1/6 |

UKUBA UNGA

'IKLOKO' YAKO ne 'WOTSHI' YAKO

*ZINGAHLANJWA!*

—YIYA KU—

N. MEYER,

CAMBRIDGE ROAD, EQONCE.

Uzenza ngokutshipu, kunja- lo nje zifungelwe.

UKUPILISWA OKUBALULEKILEYO KWO XAXAZO OLUDALA.—Ngo 1862, xa ndandili Sodati kwiqela elingu A, le 167 Pennsylvania Volunteers, ndahliwa luxaxazo olude. Ukususela oko andizange ndonwabe. Sendilinge idazini yamayeza entlebo ngentlobo ndaya nakuma gqira apambili akwabiko bunjani. Kutshanje umhlobo unditumele isampulu yelika Chamberlain le Cholera nesisa Segazi, ndati emva koko ndatenga ibhotile ye 50 cent; ngoku ndinokuti ndipilile. Ndikubulela kakulu ngeli yeza likulu, ndaye ndiliyaleza kuwo onke amagora afayo, ukuba uyatandabuza bhalela kum. Owenu obulelayo, Henry Steinberger, Allentown, Pa. Litengiswa ngu R. Lumsden and Co., Umtengisi mayeza e Qonce.